IMVO ZABANTSUNDU
(NATIVE OPINION).

1PEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.] [LIHLAULELWA 3S. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, NOVEMBER 4, 1885. [No. 53.

BANYULI ABANTSUNDU BASE BOFOLO!

MISANI INYAWO KU HUTTON
Umhlobo Omdala Wabantsundu.

AMALAHLE ASE NDWE

ABANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuba bamane ukulayishela kwa Komani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown.
Akusakabako kubambezeleka ekulayisheni amalahle nasekuwatuleni e-Komani. Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.
Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

Isonka! Isonka!

Mr. McGREGOR,

Nase Waterfall, kwa ADAM KOK,

KOKSTAD,

WAZISA umzi ukuba Unento enintshi Yombona, Namazimba, ayitengisayo ngamaxabiso alingeneyo.
Abantsundu abafuna ukutenga bangakufumana ukudla kutule tizolo kwisitola sika Mr. McKAY, e Ishungwana (Mount Frere)

Wanana Inkomo Ngokudla.

C. MUSGROVE,
OTENGISA IMPAHLA ETSHIPU YENDLU,
Kwindlu Ekangelene no W. 0. CARTER & CO.,
E-QONCE

Onoxesha bempahla yendlu batengiswa nguye ngemali encinane.

Unokubatengela abantu abakude impahla abayifunayo kwimisito eti ibeko e Qonce xa bete banqopisana naye.

Nantso int' obukade uyifuna !

Kuyafunwa! Kuyafunwa! Kufunwa!

IWAKA LABANTU!!

Ukuba liyekuhlola amaxabiso endiwarolayo

NGEZIKUMBA NOBOYA.

Nempahla etengiswa tshipu ngokumangalisayo.
Kanize kuzilingela, kuqinisekile ukuba nobuya nize.
Abasebeke beza banelisiwe.
Ndicela abanoku funda ukuba batyele abangenako.

Ningayilibali indawo endikuyo

Kufupi nomzi omdala ka MSESANE,

Endleleni yomcancato we Nciba eya e Ngqamakwe.
Ndikwali Gosa le "MVO ZABANTSUNDU."

P. H. POTTOR.

September 14.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

Kaulese Imvo Zabantu ngabantu nge

Rheumaticuro

Elona Yeza Likulu leli lizwe lengqa-qambo zamatambo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

Likwaluncedo olukulu kukutyatyamba Komzimba licisine, Nakwintloko, Nakwezinye.

Benjenje ukulincoma ubake balilinga: —
"Uti omnye zipele ingqaqambo (ekubeni besendinenyanga ndiqaqanjelwa) emva kweyure ezine ndiqalile ukulisela, ndapumla. kamnandi ebusuku, into ebendineveki ndingasayazi, ngoku ndipilile."

Wenjenje wumbi: — "Eliyeza lindipilise ngokungumangaliyo. Bendibulawa sisinqe inyanga ezintandatu kangangokuba bekusuka kube yinqaba ukuma ukuba ndike ndahlala. Bendingasena kutoba kuba bendingeze ndibuye ndipakane. Ibotile enye indipilise kanye."

Omnye uti: — "Benditwele ubuhlungu obukulu ngenxa yokuqaqanjelwa yitloko leminyaka mibini ndada ndalinga i Rheumaticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindincede kanye"

"Ndingarola," utsho omnye, "iponti ezintlanu ngebotile. Ngolwesi-Tatu olugqitileyo ndite ndakumtatela ibotile yokuqala umfazi wam, wabengana kupakama ekoyeni nonyawo, enjalo inyanga; ngalo Mgqibelo uhleli esitulweni."

Uti omnye: "Lindenzele kanye lonto ubute liyakundenzela, uku ndipilisa ekutyatyambeni kwamatambo. Liyeza angaswela amazwi okulincotna umntu, alisiyiyo inkohliso njengamanye."

Yiyo le enye inteto : Wonke endimaziyo nditi makabe nalo, basancedekile bonke abalilingileyo, 'andikeva mntu lungamncedanga."

Ukuvakalisi imvo zabantu kungazalisa lonke ipepa.

Eliyeza linoku yalezwa kuzo zonke izindlu zamayeza, nevenkile, otandayo angalifumana kumninilo ngokutumela 3s. *6d. ngebotile, ongu*

JAMES JONES,
46 LONG STREET, CAPE TOWN.

EDWARD KELLY,
Umteteleli kwinkundla yama tyala,

Ubuta imali ezizikwelitii ayitumele kubaniniyo kwaoko.

Uligqweta lamatyala entlobo zonke kwinkundla yomantyi.
Umvuzo awubizayo mncinane.
I Ofisi: CALA.

Kulahleke **Okanye** Kubiwe.

KUMZI wamapolisa e Bofolo, ngati kungo 10 October, INKABI YE-HASHE emnyama, elimsila ushunquliweyo, *lide* ngokulingeneyo, lidala.

KWANE NKABI yehashe egwangqa; **enekolo**; **imilenze** imhlope ino P umtshiso kwinyonga yokunene, lide, iminyaka mihlanu.

Owafumenayo nongandilandisayo wovuzwa. Umkondo mautunyelwe ku

JOHN MALONGA,
Cape Police, Fort Beaufort.
23 Oct. 1885.

ISAZISO

IPEPA **endilifunde** ngemfundo yabamnyama kumgidi womvumo, obe wonganyelwe ngumnumzana u Justice James Buchanan Judge President of the High Court of **Griqualand** West ngoku **liyincwadana** engafunyanwa ngesheleni (l/-). Amagosa ayo e Lovedale, Rev. P. J. Mzimba; King William's Town, *Imvo* Office; Port Elizabeth, Mr. I. W. Wauchope.

MESHACH PELEM.
Kimberley, 16 Oct. 1885.

KUFUNEKA

ITITSHALA EZINTATU ezineziqiniselo. — Enye Etembeni, umvuzo £50 ngonyaka, intsapo iku 80 kuko **nomncedisi**. —Enye e Krom Hoek, umvuzo £40, intsapo iku 50.— **Nenye** Ebisa, umvuzo £45, intsapo iku 45. **Bhalelani** ku

REV. W. S. DAVIS
Etembeni,
Umzimkulu.

ABAZELWEYO

TENGO-JABAVU. — Ngolwesi-Bini, 20th October, 1885, Etyityaba, Fort Peddie, Umnikazimzi wakwa JOHN TENGO-JABAVU, ubeleke UNYANA.

ISAZISO

KUBIWE ebuhlanti inkabi **yehashi** apa Emcambalaleni ngomhla 16th October **ebusuku**. Li **rwanqa eligwashoba** limhlope amanqina amhlope omane, **litshiswe** entanyeni ngecala lasekunene u BR yinkabi eti ya kukwelwa imise **itshoba**, linomhambo omkulu ongekuko **kupatsa** noko. Ubudala **loba** kwimi nyaka **emitandatu** ndicela amehlo **kuni** nonke **matshawe** endawo ngendawo. Ote walandisa uya kuvuzwa **kakuhle** wotumela apa Emcambalaleni. Wotumela na- **kwigosa** le Mvo u Mr D. DWANYA, nakumhleli we ***Mvo Zabamtsundu***. e Qonce.

Ku N. BOTMAN, c/o J. R. GILCHRIST, QAMATA, St. Marks, 26 Oct. 1885.

Kubakhandi-Bhekile.

KUFUNWA umfo ontsundu okwaziyo kakuhle **ukukhanda** ibhekile, ukuba **ayekupata** udodana olufundiswa lomsebenzi kwi Simnari yase Buntingville (**e Cumgc**e) Emampondweni. Umvuzo **yi** £50 ngonyaka kwakunye nendlu, nentsimi. Abaufunayo **umsebenzi** lowo mabatumele kwakunye namapepa ezimilo ku Rev. J. S. Morris, Umtata ngapambi ko 20 October lo. Kufunwa indodana engatati manzi, itshatile kungalunga **okunye.**

Buntingville, Umtata, 1 Oct., 1885.

NDALA HLEKEL WA.

ZINKOSI **bonisani** umfana ogama lingu, PETER DAMAN waye gwetywe yijaji wanikwa iminya emihlanu 5 years **ngoku seleneminyaka** esixenxe engeko. **Apo waye** siwe kona kusesi qitini abati yi Robben **Island.** Soloko wemkayo andiva nofifi olu ngaye ngumfo ontsundwana olirwanqa wemka apa eminyaka ema 25 unengqiti kwiminwe yase kohlo ku cikicane, ulinxele **ofuna ukundilandisa** wobhalela **kwi** ofisi ve ***Mvo*** *Zabantsundu,* E-Qonce.

JOHN MCINGA.
Dordrecht, September 25, 1885.

Iveki.

I RULUNELI ayivumanga ukuba **isicelo seqela** la Mampondo sokuba abuyiselwe umhlaba wa **Maxesibe** necweba lo **Mzimvuba** sixoxwe.

NJENGOKUBA ke kwavakala ezokaba Luko amagwangqa alungiselela ukuya kwelika Khame inkosi ya Bakwena ati **ayakumnceda** kwizipitipiti zake no Lobongula, **Umhlekazi** i Ruluneli inike igunya lokuba babanjwe abantu abenza oko kumhlaba ka Menkoroane.

IMITWALO yombona isand' ukutunyelwa kwizizwe ezintsundu ezine Gqili ukuze **zifumane uncedo** ngembowu nangokudla. Siva **ukuba** u Rulumeni **uyancedisa,** abantu. **bamana** ukwabelwa **iziquma**.

IPEPA **lendaba lase Alvani lincoma** ukwanda kwengqakaqa **kwelo**. Bebesixenxe ngeveki egqitileyo abantsundu abebegula **kumzi** eyongelwa kuwo.

U MR. R. DOWLING **unocanda** unikwe **igunya ngu** Rulumeni ukuba asikele ivenkile iziqiti **kumhlaba** wezizwe ezimnyama ezise Gqili.

INTLANGANISO yabafundisi abantsundu base Wesile yomandla owonganyelwe ngu Rev. John Walton, M.A., ivotele nonyaka u Rev. G. Kakaza ukuya kwi Conference.

LIPELILE elinye ixesha lenyanga ezintatu labatabati be Mvo, siyabakumbuza ukuba imali **zabo** zilindelwe ukuquba umsebenzi.

INTETO ku Mr. N. Falati, wase St. Mark's, abeyibhalele ukuze ileswe kwindlebe zamadodana nentombi zebandla le Lovedale Literary Society ngolwesi-Hlana olugqitileyo ifundwe **ngu** Mr. Solomon Govo **yamnke- lwa** ngovnyo likaba.

U RULUMENI ugqibe kwelokuba autengise uzifama ezincinane umhlaba apa ose Lungowini **kwisitili sase** Dikeni obusakunceda ngokuba lidlelo kwimpi **emhlope nentsundu** yelo ebusika. Abantu balusizi.

IMVULA emnandi inile kwezizitili ngo Mgqibelo ogqitileyo.

AMABANDLA axhasa *Imvo* ayacelwa ukuba angayidukisi into yokutumela intlaulo kwangazo ezimini ukuze umsebenzi uhambe.

IGQWETANA apa lase Rini, u W. B. Shaw uyadliwa ngenxa yamatyala ake, pambi komantyi nte wadleka kakulu kwityala apa awayemangalele u Very Rev. Dr. Williams i Dean yase Rini. Mayelana **nalo**

U MR. COLE obebambe indawo ka Judge Buchanan ose England ubekangelelwe ukuba abuyele e Kapa ngo Mvulo ogqitileyo **amapepa** ase Rini awatonyalaliswa yi ofisi ene jaji ezimbini kupela.

LAMANENE **amiselwe** ukuba yimisila yejaji kwezindawo zibalulweyo: F. W. K. Wylde kwela Mamfengu, Gcaleka Idutywa; J. C. Blakeway, kwela Batembu, Maxongo, Bomvana; W. J. S. Copeland, e Barkly East nase Ndenxa ; W. M. Morris, k**welonganye- lwe** kwa Adam Kok.

ITYALA lika Pelser no Rev. J. D. Don no Mr. G. A. Hay liyakupulapulwa zijaji nejury e Rini ngolwesi-Bini **lweveki** ezayo.

UMHLA wokuvota e Bofolo ngowangomso. **Sivuya** kuba sisiva ukuba **umhlambi** wakowetu **uzimisele** wonke ukuba ungakudukiseli ukungenisa u Mr. Hutton ukuze u Bokolo — olurara utshaba lwabantsundu—angangani.

KULUNGISELWA ngoku ukuba abahamba **ngololiwe ukuya** e Dayimani batwalwe nango loliwe osebenzayo bade baye kungena e Kimberley.

NGUMRUMO womamnkeli-pepa ngamnye, obanga **ukuba** elipepa libe nokuma.

UNYANA wenkosi Umhlangaso ufike e Kapa ngolwesi-Tatu **lweveki** epelileyo. **Usinga** kwela Majelimani apo aya kuqoshelisa imfundo yake. Uqale **ukufunda** kwizikolo zabafundisi ezise Mampondweni.

Ingxowa yombona ihamba kwi 12s. ns 12s. 6d. inye e Mgungundlovu e Natal.

IPEPA liyenzakaliswa ngamagogotya ekuhlauleni.

NGOMHLA we Cawa u Rev. Dr. Soga uyakushumayela kwityalike ka Rev. John D. Don (yama Skotshi) emini nangokuhlwa.

KUKO inteto yokuba u Mr. De Wet uzakuke ahambele Emampondweni ukuya kuva into alila ngayo.

KUBANJWE e Skapu ngezi Cawa zigqitileyo intombi ka Velem ebulele usana **lwayo**; ilindele ijaji.

UNDULUKE ngolwesi-Hlanu u Mr. Upington ukubuyela kweli ngomkombe oyi *Hawarden Castle.*

IPALAMENTE entsha yase England **iyakunyulwa** ngo 17 November.

KUYAKUBAKO i Pitso e Lusutu lokwamnkela i Ruluneli.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU NOV. 4. 1885

EYELA MAMPONDO.

KUBA kusweleke indawo asisa kungxuta kuyapi ngomcimbi omkulu ongokumelana ko Rulumeni na Mampondo. Imicimbi yela Mampondo ibuye yasingatwa ngenxa yokuya kwa Mampondo atile e Kapa ukuxoxa ne Ruluneli kwano Rulumeni ngokublalelana kwake na Mampondo. Lamadoda siteta ngawo ngala sati onganyelwe yinkosi UMHLANGASO FAKU, ipakati elikulu lika MQIKELA. Indatyana eke zavakala ngempato efunyenwe zizipakati ezo ku Rulumeni asiyemaodi Ukuya kwa Mampondo e Kapa kwakusaziwa nguye wonke ukuba kungomhlaba wa Maxesibe necweba lo Mzimvubu. Kute noko ayaziyo lento u Rulumeni wasamnkela isicelo Mampondo sokuba ayekuxoxa naye e Kapa. Uwatumele lencwadi ngesandla se nkulu yalonto: U Mr. UPINGTON uyasamnke-
" la isicela sika MQIKELA no MHLANGASO sokuba Amampondo atu-
" mele amadoda e Kapa ukuzakwa-
" neka izinto alila zizo Amampondo,
"etemba ukuba lontlanganiso yope-
" la ekubeni kuviwane." Isicelo esikwanjalo esasenziwe ku Mhlekazi i Ruluneli samnkelwa naso. U Sir HERCULES ROBINSON naye uqukumbele **ngokuti** uyatemba ukuba kovela ukulunga okukulu kulontlangano. Makabe **avuya** agqakada Amampondo akuzamnkela ezizigitshimi, kuba u Rulumeni ubengazanga wavuma ukuba ake apendulane nawo oko wati wawuhluta mhlaba wawo **ngamandla.** Abe**hleke** angena kuyo yonke indleko, akauleza ukutumela amadoda afanelekileyo e Kapa. Kanti oku konke kwenzelwa ukuya kuva ilizwi elinye elingajikiyo lokuba "Oko "kugqitileyo **yincwadi** eselivaliwe "yancanyatiselwa!" Akuko buciko bubuye babashukumisa o Mr. SPKIGG. Mabube abunakuteteka ubuhlungu bentliziyo za Mampondo ngenxa yempato yoluhlobo. Irara ngapezu kwengqondo yomntu. Silusizi ukuba u Rulumeni wetu engabanga nakwenza ngokugqitiseleyo kunokupata umzi esimelene nawo onga singahlalelana ngoxolo **ngoluhlobo**. Siyazi sonke ukuba yayike yavulwa lencwadi yayiya kubanga usizi olukulu kuti Koloni ngenxa yenkumbulo yezono ezigqitileyo. Nomhlekazi lento waka wayivuma oko ulaulo **lwalusapetwe** ngu Sir THOMAS SCANLEN, ngeloxesha wati u Sir HERCULES ROBINSON "Ngati kucacile ukuba lomhlaba akuwo u JOJO nabantu bake ngowa Mampondo; ukuba ke u MQIKELA akatandi ukuba ahlale apo (u JOJO) abe pantsi kwake u Rulumeni makawakangelele mhlaba wumbi Amaxesibe, ze Amampondo abuyiselwe umhlaba wawo." Xa sikangele imfanelo yodwa yalengxoxo ngati kuti inteto ya Mampondo ibifanelwe **ukukangelwa** ngomoya otobekileyo. Asikateti nto ngeyonanto anga eyenza Amampondo ukuzilungiselela imvula ezizayo. Silusizi kuba u Rulumeni eliyekile elituba lokubonisa ku Mampondo nezizwe ezintsundu ukuba uyinonelele imfanelo Ukuba lento angavumiyo ivuliwe lencwadi u Rulumeni kukuba esiti selede wa- tshonisa inzipo kulomhlaba—njengokuba isitsho i *Cape Argus*—bekuyindawo yake ukuba atsho mhlope.

Elinye itshawe elikulu lase England u Mr. GLADSTONE lisand' ukuti ngento eyonakeleyo: —

Kutiwa masingapumi e Jeputa singabangu **nanto sizihlaula** ngayo imigudu nendleko esesizenzile; mayelana nalenteto **ndingasuka** ndenze amanqaku amabini. Kuqala mna nditi saposisa kwasentloko ngokukulu ngokuti singene ukungena oku **kwimicimbi** yase Jeputa, isiqamo **soko,** ngomiselo wo Mdali, asikukuba **kuvuzwe**, kodwa, **sisibeto**. Kweyesibini, kutiwa mayibe yintonina umvuzo? Kukuba masingapumi e Jeputa. Kum yiyonanto **eyakonakalisa** okunye leyo. **Indlela** yona elungileyo yakwenziwa **imposiso**—kukuba seyipeliswa kwaoko.

Amanqaku.

ELOKUBONISA **okokuba** utywala obutengiswa **kwabantsundu** buyityefu **kanye** —**oku sikutabata kwipepa** lase **Dayimani kobonisa**: —Yinto **engenakupikwa** nangu- bani, **okokuba wonke** umbulali nomenzi waso **sonke** isono **ngokunjalo** ontsundu e Dayimani ubangelwa butywala ababutengiselwayo **ngabagcini nkantini** kwabantsundu amatshivela, **ungafika enenka**ntini zawo kwindawo apo abantsundu bate gwaqa **kona**. **Kuyazeka okokuba** utywala obutengiswayo bubenza abantsundu **bapulukane** nengqondo zabo bageze, i**xeshana nokokuba pakati kologezo** banamandla **okwenza** nayipina into engcolileyo, **noko akukonto** igqitywayo. Kungacitwa **ishumi** leponti ngoAmcedulula ityefu ngetyefu ezingeniswayo etywaleni babantsundu. Ngubanina **okukataleleyo oko, kona kutshabalala amakulu** abantsundu yityefu. **Bonke** abantu bayayibona inyaniso **yokuba** abantsundu baya **bengakatali ngakumbi**, baya **besesabeka ngakumbi** imihla **yonke**. Kunqabile **ukuba iveki** igqite Ingesi **lingaqutyulwanga** ngabantsundu—into ebingaziwa **kanye ngeminyaka** emibini egqitileyo. **Wonke** umntu **unokubanjwa** mhlaimbi angxwelerwe ngabantsundu, **kodwa kudukisiwe.**

SIBONA tina ngati u Rulumeni we **Nkosazana usaxakiwe** nga Besutu. Elo **alikazoli,** kungemhlope **ukuba nokuba kude kwatunyelwa umkosi, njengokuba** abanye besiti **makwenjiwenjalo,** unganceda ntonina wona, **kuba** mhlaimbi bona Abesutu **bangasuka** babe luqilima **ukucasa** u Rulumeni ize **ukupela kwemfazwe** ibe **kukupela kwa** Besutu. Abanye bangati lulo olo uxolo **kuba** befuna ifama zase Lusutu. Tina asitsbo, no Rulumeni sibona **kutsho**. Sisati u Col. **Clarke usakolisa** ng **kuti abukele kodwa** xa izinto zisenziwa nga **Besutu** bodwa ale **kodwa** xa bengxamele ukwabo **ihambiso yenkosi** ezingaupumziyo **umzi ukuze** no Rulumeni abone **ukuba abantu** bafuna **ukuzola** abazi nangaba ulwela **ukubanceda. Mabalivakalise** *ke* abantu **ilizwi** labo.

ANELE **amanqaku esesiwenzile** ngemi**cimbi yakwa** Hlamba-ngobubende epa- telele **ku** Rulumeni. Singa **kodwa ngoku** singaguqula lamazwi **esivumelanayo** nawo **abonakala kwinjengele** endala yemfa- nelo **yabantu bonke**, ipepa la Mabhulu lase Kapa Het *Volksbstad*. Liti: —Liya- temba **ukuba ukubetwa kwa** Mampondo elupondweni **ngu** Rulumeni ngolwesi- Bini **olugqitileyo akusokubanga ukuba Amamamonco seleyeka ukujokisa ukufuna imfanelo** yawo. **Ilizwe** elibanzi **kangangelo** la Mampondo, nelimiwe yinto eni- nzi yabantu **njengalo**, **kuba** linemipefumlo e 140,000 **namadoda anokulwa aku** 80,000 **belingifanele kupatwa** bukepu **kunye** ne itonywa **nalo**. **Kukade** siposisa **empatweni yetu** yabantsundu, lento ma**siyivume**, siti ukuba **sinokuziungisa** izi**poso** zamaxesha agqitileyo ezinjengoku panga si ilungise ukuze Amampondo abe **nokusibulela kwanokusitanda**. Yihambiso enje esibonayo tina ukuba iyakubanga **sitenjwe** zizizwe ezintsundu esimelene nazo size sizipakamise emfundweni eyakuzenza ukuba zibe lusizo **lwe Afrika.**

LENTETO itunyelwe kumapepa ngocingo ivela e Kapa: — "U Rulumeni uyayikanyela into yokuba Abatembu **ubafudusa** ngapandle kwemvume yabo. Liqelana **londiyalwa** elalifumane labekwa kwelo lakwa Tato okwexeshana lulaulo **lo** Mr. Sauer elazisiweyo ukuba lifuduke; izimamhlaba zifumane zacelwa ukuba ziye kumihlaba eku Tsolo no **Qumbu.** Akuko kunyanzelwa kwenziweyo, into kodwa **ehileyo** bate bakucelwa basukela pezulu nangapezu kokuba bekufuneka oku kutetwa ngegunya lo Mpatiswa Micimbi Yabantsundu." Kokwesibini eyikanyela lento u Mr. De Wet, abantu bona ngapantsi bayanyanzelwa. Akwaba inkuku ibingake ilile pambi komnyango we ofisi ka Mr. De Wet e Kapa angati mhlaimbi akumbule. Kodwa lento yokuzidinisa **ngokukanyela** ibonisa ukuba koku igumgedle kulehambiso.

E Lusutu.

[IVELA KUMBHALELI WETU.]

Morija, 28 Oct. 1885.

Make ndibabalisele namhla abafundi bepepa letu ngezase Lusutu zemfazweyohlanga, esoloko yabonakala kudala ukuba izakuvela. **Namhlake** iqubisene eyakwa Lepoko, unyana ka Masopa, noPeete unyana ka Ramanella. Yati mhla ngolwesi-Hlanu (23 Oct.) kwakusasa yayiselifunzele kwa Peete eyakwa Lepoko, yakwela pezu kwentaba yomzi ka Peete kanti ke neyakwa Peete iselipumile ekaya igaleleke ezintangweni ngapandle komzi. Ifunzeleke eyakwa Lepoko, **savakala** isitonga esivela elutangweni, bawaqqiba amahashe, kwafa kulondawo abantu aba- tandatu, amahashe asiwazi inani. Ngakwelinye icala kwafa abantu aba 17, kuba kwakufunzelwe endaweni ezimbini. Kwelinye icala elo bate bakuti bayafunzela abakwa Lepoko yayiselipuma eyakwa Peete ibaputuma ngemikonto nange ndu- ku nangamatye. Babuyele emva ke abakwa Lepoko. Kwelakwa Peete icala abafilevo **batatu**. "Ongenatyala akanakudaniswa." U Peete lowo ukatazwa **kuba** erola irafu. Isigitshimi ebesize kubikela inkosi u Letsie siti eyakwa Lepoko ibingati ibhekisa ngase **zinkomeni** zika Peete. Inkosi itumele kwangeloxesha ku Col. **Clarke,** watumela kwaoko u Col. Clarke ku Masopa, ukuti makaye kubajika kwaoko onyana bake bake, uyamyalela **ngamandla** Enkosazana, xa **angakwenziyo oko, uyakunyanzelwa ngamandla**. Uvumile u Masopa **ukuyitumela** ibuyele **ekaya** impi yonyana. Uhlalelwe sisigwebo **ke ngoku**. **Uzakutinike** u Rulumeni namhla, **ngokumana** ehambisa **ngobutataka** obungaka nje e Lusutu? Kuya **kunyaniseka okutetwa** ngabanye abantu, **ukuti:** u Rulumeni uzifunela imali yerafu yena, **akateni kukububisana kwetu!**

Uviwo lo Titshala.

[NGOCINGO.]

CAPE TOWN, November 2, 1885 La ngamagama ekaba elintsundu, elipumelele oluviwo lo Titshal**a lwalungo** September ogqitileyo.

I. NGOKUNCOMEKAYO

Roberts (Thaba Nchu).

II. **ABAPUMELELE** KODWA.

Govo (Lovedale), Mnyakama (Heald Town) Mtombeni (Lovedale), Sello, Grendon, Mzima (Lovedale), Mcanyangwa (Graham's Town), Tshangela.Jabavu,(Teacher Graham s Town), Mwahla (Teacher Somerset), Levi, Mdolomba (Heald Town), Xabanisa, Mbongwe (Heald Town), Sogobile (Heald Town), Gomba, Pfeiffer, Mtobi (Heald Town), Yake, Sobikwa (Lovedale), Falati (Lovedale) Mpinda (Heald Town).

III. **ABAFUMENE** "IMIPAKO" (PROVISIONAL).

Shai, Ntloko, Rwexwana, Ndleleni, Jo. tnban, Mothibi, Ndungane, Mbewu, Mathlinyane, Ntsiko (D), Sitela, Swaartbooi (D), Magaba (D), Dick (D), Matsepe, Marela, Magoooba (D), Siethleko (D), Magezeni (D), Hluhle, Matete (D), Kumalo (D).

Abano D emva k**wamagama** abo ngabapumelele kwi *Drawing.*

U RULUMENI NA MAMPONDO.

Lencwadi **ibhalwe** ngapambi **kokuba** iqela la Mampondo elisinge e Kapa linduluke, iyakufundwa ngemihlali yinto eninzi yamawetu: —

Esihlonyaneni, Pondoland, 12 Oct 1885.

Kuye Umhleli wepepa le *Mvo Zabantsundu,* —Kauncede Mhleli, undifakele lamazwana am ambalwa. Kwipepa lika Sept. 2, 1885 kuko indawo P. Q.

Nditi ke kulendawo niti masingacapukisi u Rulumente ngenxa **yomhlaba** wase Maxesibeni apa ngenxa **yecweba** lo Mzimvubu, nditi ke kufanelekile ukuba nditete ngayo ngokuba **lomhlaba** ngowam ngenene, necweba lelam ngenene.

Isizatu esingabangela ukuba ndingateti ngezindawo yintonina, xa zizindawo zam nje? Kubake, lomhlaba nelicweba asizitenganga zombini ezindawo, sazipiwa ngu Mdali, owadala-zonke izinto, njengezinye izizwe, ezimhlope nezintsundu kuba wazinika indawo zazo.

Enye into **niti ningabi** ukundinika iqinga **mandizinikele** or sizinikele pantsi kolaulo or kwepiko le Nkosazana. Ke mna andiboni mntu wonwabileyo pantsi kwepiko layo; kanjalo andiboni mntu wonwabileyo ngenxa **yokuselo lwe** Nkosazana. Undityela Inkosazana nje i Koloni **iniswe** yi Nkosazana, iyayixhasa ngendawo ezitile; ke mna nokuba kunjalo andiboni **sahluko**, akuko nkosi yakeyalahla abantu bayo, iti njengokuba i Rulumente yase Kapa **kutiwa** yi Responsible Government, yinto enjengokubonga, umntu ebonga umntwana wake, ayingapandle le Rulumente, ihlangene ne Nkosazana. Ukuba nditeta into kwi Nkosazana angendivumeli, angavumela i Rulumente yase Kapa, ungayibona lonto ndiyitetayo.

Izizwe zonke zisonakalanje, zonakala Inkosazana ivile, kanjalo ingakuzi; ke nditeta into ekoyo **lento** ndiyitetayo.

Kekaloku nina nipendula mna kubi, kuba ndinganazi intlanga zenu, nokuba ungu Mtembu, ungu Msutu, uyi Mfengu, ungu Mxosa. ungu Mtshaka ngewungatsho, ukuti "umti ongagobiyo uyapu**lwa ngumoya." Umsutu no Mtshaka ne Lawu** no Mxosa, ezizizwe zonke ndizibalayo zilila ezimatontsi nje zazenzenina, nawo namhla Amampondo la ezakulila ezimatontsi *nje* enzenina. Kuba kambe Umpondo sedliwe ngu Rulumente, uwadle umhlaba ose Maxesibeni necweba lo Mzimvubu. Kekaloku *Amampondo* la *adle nina* ku Rulumeni wona?

Kekaloku tina sesibona into esiyidlileyo ku Rulumente, ukuba sidle ubudenge, sadla ukuswela amandla. Nantso ke into esiyidlileyo. Mqubi wepepa le *Mvo* ***Zabantsundu,*** nawe akungevelisi sizatu kulendawo ndiyiqubayo.

Kekaloku ndoke nditshone okwenyanga ezimbini ukuteta ngecweba kunye nomhlaba wase Maxesibeni, izeke ndibuye ndivuke kweyesitatu nokuba kukweyesine ukuteta ngazo ezindawo.

UMHLANGASO J. S. FAKU.

Emhlanga.

[NGUKANGELA NGENYEMBEZI.]

17 October 1885.

Ndenziwa yintliziyo **ebuhlungu**, **yinto** endiyibone isenziwa kolusapo **luka Rulumente** olulapa Emhlanga; ke **indawo** leyo ndifuna ukuba umzi wakuti uyazi kwakunye nobawo wetu u Rulumente. Kanjalo **Umhle. kazi** u Rulumente siyamcela ukuba asixolele ngendawo leyo kuba kambe sikohliwe ukuba Umhlekazi **singahlangana** naye pina **tina** bantwana bake abalapa Emhlanga, sibe siyalila kuye. Kodwa noko kukade silila singancedi luto, ke siyalila kwakona namhla, silila ngento esiyibone namhla isiziswa kuti, kusitiwa masirole irafu yeminyaka emibini eyadlulayo, seyiyidakufali kunye nemali yomhlanganisi u W. R. Lloyd. Lemali ibizwayo yeyaleminyaka 1883 84 ngenxa yokuba sasingarafanga, ngenxa yokwalelwa ngabapati baka Rulumente, tina sifuna ukurafa, bemana besiti kuti yenzani kuhle u Rulumente akakatumeli zwi lokuba nirafe. Ke ndiyatemba ukuba no Rulumente **uyakuazi** eloxesha naye, ukuba kungelaxesha abanye abantu bebengena **zindlu**, belala emiqolombeni napantsi kwamatye beneta zimvula, kuba amakaya abo ayehlutwe ngu **Rulumente**, ewahlutela abelungu apo Emhlanga. Ke ite lemali yaleminyaka mibini ibizwayo kunye nemali yomhlanganisi, kodwa bekungazanga kwaziswe kuti **ngapambili** ukuba siyirole, ke kwati xa siyisayo lomali ibizwayo **ngulomntu** wati yena ngoku masirole £1 1s i rent ka Rulumente yaleminyaka mibini abekade esalela ngayo ukuba siyirole lerafu namhla ati masiyirole, kanti ukuba tina sibe zizisulu, yasotusa

Imi ngoluhlobo imali ebizwayo:

	E	s.	d.
Irafu	1	0	0
Eyomhlanganisi	0	4	0
Government	1	1	0
Nantso (Total)	2	5	0

Lemalike kufuneka irolwe ngalowo ngamnye umntu, ke siyile kumantyi wetu ose Dordrecht, wati yena into le akananto nayo, kuba u Rulumente uyitumele lento ku Mr. W. R. Lloyd; ke lomcimbi sike saukankanya naku Mpatiswa Micimbi Yomhlaba. Ke lento umzi wakuti iwufake ezindlekweni ezinzima, endingaqondiyo ukuba uyakuze upumelele ukuba Umhlekazi akalubonanga usapo **lwake** olu lulapa Emhlanga **ngelinye** ituba, kuba kambe umzi wona ubuzilungise lela lerafu yanamhla 1885—kunye nalendlala sizamana nayo kunye nerafu zomtunywa lo utunywe ngu Rulumen'e ukuba **ahlanganise** lemali, umzi awuqubuleyo yabonakala iwufaka eludakeni olubunzulu bungapezu kweliwa lika Nxawu elise Nciba.

Ezababaleli

IQINGA LOBUSELA.

All Saints, Engcobo, 25 Sept. 1885.

NKOSI MHLELI **WE** "Mvo,"—Ndikubongoza ukuba undifakele lamazwana am, oko ndikubone **ndakuva** apa namhlanje. Sivuyiseke kakulu namhlanje sakufundelwa ngumnumzetu oyimantyi yetu, u A. Stanford, Esq., R. M., **incwadi** evela ku Rulumente, ecela icebo kuti ekunga- patwa ngalo amasela asoloko ekataza umhlambi wonke wabemi belilizwe lase South Africa. Impendulo yetu siqale ngokubulela imbeko nobubele buka Rulumente ngokusivisa into enjalo; sati ke, naku okwetu ukubona: ubusela **bandiswe** nguwe Rulumente, kuba unguwe umhlobo wamasela, wena **wafika** wati isela lisakwenzakaliswa ngumfo olindulula **elutangweni lwake,** waza wena Rulumente wafaka intambo kumnumzana lowo ube zokubelwa waposela entolongweni, waza watata elosela lenzakalisiweyo wasa kugqirashe, ukuba ayekulikamela; nasoke isonakalo apo savela kona. Siti ke tina, namhlanje, isela maliti lisakuba linqunyulwe indlebe ibenye, lize lisiwe e Monti liye **kufeza** iminyaka emihlanu. Ku- ze liti lisakupinda ukuba emva koko linqunyulwe eyokugqibela indlebe, lisiwe kwase Monti nokuba kukwenye indawo enomsebenzi onzima, ligqibe ishumi leminyaka, kuze kuti lisakupinda okwe- sitatu ukuba lisiwe **esiqitini** apo liyakuhlala kona lide life. **Ukuqunyulwa** kwendlebe kuluncedo olukulu ngalendlela—ukuba ubani ube into ese Rini, waza wanqunyalwa **indlebe** waposwa entolongweni iminyaka **emihlanu,** wati akuyifeza wapuma **engasalitandi** eliyakaya lake lise Rini, kuba selimlumnkele ngobu- sela, waza ke wafudukela e Alvani, wafika weba **kanjako** kona, wabanjwa wasiwa ematyaleni, **kwabonakala efuneka** esebenzise isohlwayo sokuqala samasela **njengokuba** umntu lowo eqala ukuba **kona,** kodwa ngokufumana indlebe enye ingeko amatyala ayakukwazi ukusebenzisa isohlwayo sesibini samasela—nesesitatu sinokuqutywa lula ngokunjalo. Amabulu elilizwe selebotshwe ngumteto ka Rulumente ukuba angalwi nati bantsundu ngenxa yokubelwa kwawo. Mandipele ke mpati wemvaba enkulu yomzi ontsundu.

Ndim isicaka sako futi
THOS. TSHACILA POSWAYO.

UBUKUMNKANI OBUPAMBENEYO.

Cofimvaba, 16 Oct. 1885.
NKOSI MHLELI **WE** "Mvo" zohlanga

oluntsundu ndincede mnumzetu ndiyakubongoza, ndifakele epepeni le *Mvo* olusizi lwam nabaninzi bakwa Ngubengcuka, umzi owaziwa kakuhle luluntu lonke ukuba auzange umbinze u Rulumente ngapandle kwenkosana zakowabo o Magcina nama Qwati nama Ndungwana ezi *zonke* zibangele Amamfengu aselevuya zizikonkwana kulomihlaba. Kodwa yona lendlu yakomkulu *isemi nanamhlanje,* Amamfengu akakabi nazikonkwane kuwo ekubonakala ukuba Amamfengu ayazama ukuba lendlu iwe nayo. Nditsho ngokuba kusand' ukubako unyana ka Ngangelizwe ucela emantyini ese Mtata ukuba makavunyelwe azokulwa na Mamfengu; ezindaba zixelwa nga Mamfengu. Isipelo salonto kuvakele ukuba unyana ka Ngangelizwe ucele emantyini ukupuma ingqina, into yoxolo ingqina. Emva koko abonile Amamfengu ukuba lendlu ilele impela sozifumana ninina izikonkwane. Wode uqonde enditsho ngako. Kute ku Sept. 16, 1885, kwapuma umkosi wezibonda ezibini zase Mamfengwini u William Kwebulana okwa Hange, no Tshangana ose Qombolo bavingcela esika Bini batimba igusha 136 emzini ka Kafa Mazingi indoda engumkrestu, wati akupuma kanti sebemlalele kuba bengemasela beyimpi efezekileyo eze kubusa indlu ka Mtirara ukuba ilwe iwe ife bamnkele izikonkwane bamdubula u Kafa Mazingi wawa kwalapo. Ngokuhlwa okulandelayo bafunza kwakona kwakulomzi, bafike kulindwe isidumbi igamadoda amahlanu, aposwa ngembumbulu abaleka engapete zintonga, Amamfengu azenzela ezipuluweni nase zinkukwini nemiqokozo. Oh, bahlobo, namhla sinengcwaba elisimanga kuba lomzi ngumzi omdala, u Mr. Warner isikolo abehlala kuso, umzi ongazange ungenwe mkondo kude kube namhlanje. Ukufa kwalomntu akubangwanga nayinto encinane mntu isizatu. Bahlobo) izizatu zemfazwe zenziwa nga Mamfengu zafezeka koko u Mtembu akanamfazwe nangoku umele ukuzibuzela into ayenzileyo. Ke ndafunda epepeni lezi *Mvo* indawo eti u Mr. De Wet impato ondele kuyo yeyokuba kungabiko nkosi yontsundu kuba sekufunwa ukuba kuwe usapo luka Mtirara. Abalungileyo bakuvuya kuba aba Tembu ababulandelanga obubunciniba ba Mamfengu. Oh, lusapo lwase Mbo namhla nidyobile ilizwe enihleli kulo ngegazi. ligazi elidyoba ilizwi Leseshani encwadini ye Mibalo xxxv. — 33-34. Mandipele ndobuya ndazise ngendawo yesipelo salento nezigwebo. Ndixolele kuba ndidle indawo; kodwa uzundincede nkosi yam undipe indawo.

Ndim
MSHUMAYELI WENDABA ZOXOLO.

OFE NGEBHAQO.

E Komani, 17 Oct. 1885.

NKOSI YAM, —Ndayawakukataza ndifuna ukuba undixolele mongameli we *Mvo Zabantsundu*

ukuba undixolele Mongameli we *Mvo Zabantsundu* ukuba undifakele kwelopepa lako. Hayi, ubusela, abantu bayapela kukufumana izimanga. Kute apa ngomhla we 16 Oct. kwabe kuko isela elidala lenkuku selineveki ezimbalwa, ligwetyiwe yimantyi kwangokuba inkuku selidinisile, kwanamakalkuni, limana lipuma lingena yonke iminyaka etolongweni, namhla ke lona belinikwe unyaka wonke etolongweni ngokudinisa kwalo. Kanti umntu lo selemdala eli Lawu igama lake ngu Booy Bastile. Kute ke kwangalemini sendiyibekile i 16 kulenyanga imiyo, ngexesha elisemva ko 12 o'clock kancinane kwamnkelwa idinala ngamakonxwa kwakunye naye, bate ke bakungena eyadini yabo, ute umnene esayaba idinala yabo nomlingane wake wakupa ibekile ezimbini enye iyeyake, kuti xa kusesiqingateni (half) sokugqibela waposa emlonyeni wake waginya, kwaleka ukuba ase isandla esityeni, wawa waqauka kwaoko, kwaba kuyapela enkukwini; sakusuka sisitini hayi, sapanga kwagqira kwayoko, wati yena umntu lo ubenesifo sentliziyo, kodwa ebengazibiki nento le. Ukufa okusimanga kuti oko umntu esitya kanti ebengabiki nto yena, oko kufa masikulinde sonke tina sisekoyo pezu kwehlabati, akunatemba kubani.

Elokugqibela nditi umntu makalumnkele wonke ubani angaxelisi eli Lawu lona lite liziva intshumayelo lamana lidukisile laza lasuka laqutyulwa ngemini yokumnka kwalo, nditi ke masilumnke ukubhekisa inteto yetu kubashumayeli simana sizilibazisile ngokugxeka bona endaweni yokutandaza, kuba asiyazi imini neyure eyakuza ngayo Inkosi yetu. Singaxelisi eli Lawu singafi sisalibele kukuhlafuna isono, kuba ukuzinyusa kusisono, ukugxeka kusisono. Eli Lawu kum linjengempendulo yalendoda kuba izilibazise ngokugcina imfundo nje endaweni yokuba itandaze; nalo alizibulelanga nezonkobe belife lizitya, lumnkela mzalwana wam, nguwe nam ngomso abayakwenjiwanjalo.

Ndim
F. M. TANDUHLANGA.

